basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESITHATHU (P3)

## FEBRUWARI/MATSHI 2013

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 100**

**Le memorandam inamaphepha ali-11.**

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

Kwisincoko ngasinye umfundi makabonise isakhiwo esifanelekileyo, umongo uyilo, isimbo nolwimi olufanelekileyo.

### UMBUZO 1

1.1 Isincoko esibalisayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Isiganeko esakhokelela kulonwabo lwale mini.
- Izinto ezamonwabiswayo ngaloo mini.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.2 Isincoko esichazayo/esibalisayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Abonise ukuyazi intsingiselo yesaci.
- Ukutshintshatshintsha kweemeko ebomini.
- Amabali/iingxoxo eziphuhlisa ukutshintsha kweemeko.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.3 Isincoko esixoxayo/esichazayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Iintlobo zolwaphulo-mthetho.
- Iindlela zokulwa ulwaphulo-mthetho.
- Indima karhulumente ekudaleni amathuba emisebenzi.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.4 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esigxeka sincoma

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Indlela amanzi aluncedo ngayo.
- Ubungozi bamanzi.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.5 Isincoko esixoxayo/esichazayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makuvele ukuba uyinkokeli yolutsha ecaweni okanye kwezopolitiko.
- Iinguqu okanye utshintsho anokuza nalo eluntwini jikelele.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.6 Isincoko esibalisayo/esichazayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Makuvele lo mntu amthandayo.
- Izizathu zokumthanda oxeliweyo.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.7 1.7.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esigxeka sincoma/ esicamngcayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Iintlobo zemidlalo nabathathi nxaxheba.
- Indima karhulumente ekukhuliseni imidlalo eMzantsi Afrika.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

1.7.2 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esigxeka sincoma/ esicamngcayo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ukudalwa kwemisebenzi ngurhulumente.
- Ikamva lomntu lisezandleni zakhe.
- Izakhono.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.) **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo:

- Iidilesi ezimbini.
- Isibuliso esichanekileyo.
- Umcimbi engawo: ukuncoma inkqubo ehlaziyayo neyonwabisayo.
- Isiphelo esichanekileyo. **[30]**

2.2 **IRIVYU**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Igama lencwadi.
- Umbhali wayo.
- Ukuhlalutywa kwencwadi phantsi kweenkalo zokubhalwa kwerivyu. **[30]**

2.3 **INTETHO**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Intshayelelo.
- Uncedo lobuxhakaxhaka beekhompyuta abazinikiweyo.
- Amazwi ombulelo.
- Isiphelo esichanekileyo. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ziphe amagama izithethi.
- Makaxele le ndawo bakuyo.
- Umxholo wodliwano-ndlebe.
- Imibuzo ekhokelela ekunikeni iimpendulo ezinomdla.
- Iingxaki ezikhoyo kwezemidlalo eMzantsi Afrika.
- Izinto ezinokwenziwa ukuphakamisa eli qondo.
- Isiphelo esichanekileyo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

### UMBUZO 3

3.1 **IFLAYA**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

Makunike umdla okubhaliweyo.

Iinkcukacha mazivelelwe zonke:

- Ixesha.
- Iifonti ezahlukileyo.
- Imo yokubhalwa kweflya. **[20]**

3.2 **IDAYARI**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Mababhale ngezivakalisi ezipheleleyo.
- Imo yokubhalwa kwedayari. **[20]**

3.3 **UKUKHOMBISA INDLELA**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Mabacacise indawo asuka kuyo.
- Mabasebenzise isiyaleli.
- Mabaxele iidolophu abadlula kuzo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

## ICANDELO A: IZINCOKO – 50 AMANQAKU

| Iziqulatho | Khowudi 7 Balaseleyo 80%–100% | Khowudi 6 Mfaneleko 70%–79% | Khowudi 5 Enomthamo 60%–69% | Khowudi 4 Anele 50%–59% | Khowudi 3 Phakathi 40%–49% | Khowudi 2 Buthathaka 30%–39% | Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0%–29% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **1. UMONGO NOYILO**<br><br>**(30 AMANQAKU)** | **24–30**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingenamakhwini-ba nesigqibeleleyo.**<br><br>**Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.** | **21–23½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo.**<br><br>**Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile zinomdla.** | **18–20½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu.**<br><br>**Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. Iingcamango zinomdla, zeziqinisekisayo.** | **15–17½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo.**<br><br>**Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. Iingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.** | **12–14½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo.**<br><br>**Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo lunxulumene.** | **9–11½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingabekelelwa-nga akuhle.**<br><br>**Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. Iingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.** | **0–8½**<br><br>**Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esibekelelwe ngokutenxileyo.**<br><br>**Isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. Iingcamango, uphinda-phindo nokunwenwela kude kwisihloko.** |
| **2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA**<br><br>**(15 AMANQAKU)** | **12–15**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekile-yo.**<br><br>**Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.** | **10½–11½**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.**<br><br>**Itekisi engenamakhwini-ba okupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.** | **9–10**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi.**<br><br>**Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.** | **7½–8½**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.**<br><br>**Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.** | **6–7**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachaneka-nga. Uchongo-magama luphakathi.**<br><br>**Itekisi ineziphoso ezininzi nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.** | **4½–5½**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.**<br><br>**Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.** | **0–4**<br><br>**Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu.**<br><br>**Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.** |

| 3. ISAKHIWO/ IMO<br><br>(5 AMANQAKU) | 4–5<br><br>Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene-yo.<br><br>Ubude buyangqinela neemfuno zesihloko. | 3½<br><br>Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.<br><br>Ubude bufanelekile. | 3<br><br>Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.<br><br>Ubude bufanelekile. | 2½<br><br>Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.<br><br>Ubude bubufaneleka. | 2<br><br>Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.<br><br>Umthamo mfutshane kakhulu okanye mde kakhulu. | 1½<br><br>Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.<br><br>Umthamo mfutshane okanye mde kakhulu. | 0–1<br><br>Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.<br><br>Umthamo mfutshane okanye mde ngokubaxekileyo. |
|---|---|---|---|---|---|---|---|

## Izincoko ziya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| A UMONGO NOYILO | 30 |
| B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA | 15 |
| C ISAKHIWO/IMO | 5 |
| AMANQAKU EWONKE | 50 |

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE – 30 AMANQAKU

| ISIQULATHO | Khowudi 7<br>Balaseleyo<br>80%–100% | Khowudi 6<br>Mfaneleko<br>70%–79% | Khowudi 5<br>Enomthamo<br>60%–69% | Khowudi 4<br>Anele<br>50%–59% | Khowudi 3<br>Phakathi<br>40%–49% | Khowudi 2<br>Buthathaka<br>30%–39% | Khowudi 1<br>Bubhetyebhetye<br>00%–29% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **1. UMONGO, UYILO NEMO**<br><br>**(18 AMANQAKU)** | **14½–18**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo luvelise iitekisi engenazimpazamo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe zixhokonxa iingcinga.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene-yo.** | **13–14**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi engenazimpaza-mo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile, zinomdla.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.** | **11–12½**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. Iingcamango zinomdla, zeziqinisekisayo.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.** | **9–10½**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi eyanelisayo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. Iingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.** | **7½–8½**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.**<br><br>**Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo lunxulumene.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.** | **5½–7**<br><br>**Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela, itekisi ayibekelelwanga kakuhle.**<br><br>**Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. Iingcamango zinqongophele soloko kuphinda-phindwa.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.** | **0–5**<br><br>**Uyilo okanye ucebo alukho; itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo.**<br><br>**Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho lunamathelwano. Iingcamango, uphinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.** |

| 2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (12 AMANQAKU) | 10–12 | 8½–9 ½ | 7½–8 | 6–7 | 5–5½ | 4–4½ | 0–3½ |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. | Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. | Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo-magama oluhambelana netekisi. | Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele. | Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachaneka nga. Uchongo-magama luphakathi. | Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa. | Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo-magama luhexa kakhulu. |
| | Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo. | Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo. | Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo. | Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo. | Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo. | Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo. | Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo kunye nohlelo. |

**Imihlathana emide iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:**

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| **A UMONGO, UYILO NEMO** | **18** |
| **B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA** | **12** |
| **AMANQAKU EWONKE** | **30** |

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE – 20 AMANQAKU

| ISIQULATHO | Khowudi 7<br>Balaseleyo<br>80%–100% | Khowudi 6<br>Mfaneleko<br>70%–79% | Khowudi 5<br>Enomthamo<br>60%–69% | Khowudi 4<br>Anele<br>50%–59% | Khowudi 3<br>Phakathi<br>40%–49% | Khowudi 2<br>Buthathaka<br>30%–39% | Khowudi 1<br>Bubhetyebhetye<br>0%–29% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **1. UMONGO, UYILO NESAKHIWO/ NEMO**<br><br>**(12 AMANQAKU)** | **10–12**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye lukwavelise itekisi.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamathelene-yo.** | **8½–9½**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo buvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluchanekileyo. Iingcamango zihlakaniphile zinomdla.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahluka-hlukene.** | **7½–8**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo buvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko oluvakalayo. Iingcamango zinomdla, zeziqinisekisayo.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.** | **6–7**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo buvelise itekisi eyanelisayo.**<br><br>**Imihlathi ibonakalisa utolikeko lwesihloko olwanelisayo. Iingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa umhlathana wona unembadla.** | **5–5½**<br><br>**Ubungqina bokuceba uyilo buvelise itekisi ephakathi kwaye bukwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo.**<br><br>**Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo lunxulumene.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.** | **4–s4½**<br><br>**Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelelwanga kakuhle.**<br><br>**Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. Iingcamango zinqongophele, soloko kuphinda-phindwa.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.** | **0–3½**<br><br>**Uyilo okanye ucebo alukho; itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo.**<br><br>**Imihlathi ayikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. Iingcamango nophinda-phindo zinwenwela kude kwisihloko.**<br><br>**Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu-bhutyu azingqinelani.** |

| 2. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA<br><br>(8 AMANQAKU) | 6½–8<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekile-yo.<br><br>Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 6<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.<br><br>Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 5½<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo- magama oluhambelana netekisi.<br><br>Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 4–4½<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo-magama lwanele.<br><br>Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 3½<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo-magama luphakathi.<br><br>Itekisi ineziphoso ezininzi noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 2½–3<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo-magama luyahexa.<br><br>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo. | 0–2<br><br>Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo- magama luhexa kakhulu.<br><br>Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo. |
|---|---|---|---|---|---|---|---|

## Imihlathana emifutshane iya kuhlolwa ngokwale ndlela ilandelayo:

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| A UMONGO, UYILO NEMO<br>B ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA | 12<br>8 |
| AMANQAKU EWONKE | 20 |